

Xa ufika
ekugqibeleni ...



bible society
of south africa

UThixo ukunika ithuba lokukuhlangula

Utywala neziyobisi asiyonto intsha. IBhayibhile isoloko ithetha ngemiphumela yokusetyenziswa gwenxa kotywala ehambelana ngqo nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi.

Umbhali weZafobe ulumkisa athi:

Iwayini ngumgxeki; utywala yingxolo; umntu ohexiswa bubo akanabo ubulumko.

IZAFOBE 20:1

Ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kukhokelela kwisimilo esihlazisayo

Ibali likaLothe ngumzekelo omhle obonisa indlela esophuka ngayo isimilo somntu ngenxa yokusebenzisa utywala gwenxa.

Yathi intombi enkulu kudade wayo:

“Ubawo uyaluphala, yaye akukho madoda apha kule ndawo angasitshatayo sizale. Yiza simseze anxile, khon’ ukuze simambathe, sifumane abantwana bakhe.”

Ngobo busuku bamntyintya ngewayini, yaza ke intombi enkulu yamambatha.

ULothe wayenxile kangangokuba akazange akuqonde okwaqhubekayo.

EYEZIQALO 19:31-33

Iintsasa ezininzi emva kobusuku bangaphambili

Ikutsho ubone izinto ezingekhoyo, ushwaqe ubhude yonk’ into.

Ewe, ikutsho ube ngathi uphakathi elwandle,

ube ngathi ujinga epalini ebamba iseyile yesikhephe.

Uya kubuza uthi:

“Ingathi ndibethiwe nje phofu?”

Hayi suka, ndingakhange ndive nje!
Akwaba bendinganako ukuphinda
ndiphakame,
khe ndithi nje intwana ndiziqabule!”

IZAFOBE 23:33-35

Lixesha lokujonga oko unako

Ngoko ke yigqaleni indlela eniziphatha ngayo. Yibani ngabantu abanengqondo; musani ukuba ziziyatha. Eli thuba ninalo lisebenziseni kakuhle, kuba akho amaxesha amabi. Musani ukuba zizidenge ke; nina zamani ukuqonda ukuthanda kweNkosi.

Musani ukunxila butywala obunonakalisayo. Ndaweni yaloo nto phuphumani nguMoya oyiNgcwele.

KWABASE-EFESE 5:15-18

Xhomekeka kuThixo, hayi iziyobisi

“Banoyolo abo bazilahlela kuThixo,
kuba balawulwa nguThixo bona!”

UMATEWU 5:3

UngokaThixo

Anazi na ukuba imizimba yenu yindlu kaMoya oyiNgcwele, ahlala kuyo, evela kuThixo? Kaloku aningobenu; ningabakaThixo owanithenga ngexabiso elikhulu. Mdumiseni ke uThixo ngemizimba yenu.

1 KWABASEKORINTE 6:19-20

UThixo ukuxhobisa ukuba uthi chu xa usenza izinto

Ulondenzel' izintw' ezintle ebomini,
ndihlale ndingumqaba-qaba
njengokhozi.

IINDUMISO 103:5

Amehlo akho wajongise kwinto ofuna ukuyiphumeza

Asikuko nokuba ndithi sendiphumelele, okanye sendigqibelele, nto nje ndihlala ndixhinele phambili, ndizabalazela ukuba kubekho lutho ndiluzuzayo, kuba nam ndazuzwa nguKrestu Yesu. Hayi, mawethu, andizibaleli ekuthini sendizuzile, nto nje nantsi into endiyenzayo: ndithi ndizilibala izinto esezigqithile, nditsazele kwezo zingaphambili.

KWABASEFILUPI 3:12-13

UThixo uzenza ntsha zonke izinto

Akuba umntu emanywe noKrestu uba yindalo entsha – isimo esidala yinto yezolo, sekuqaleke isimo esitsha.

2 KWABASEKORINTE 5:17

Khumbula!

Okubalulekileyo asikuko okudlulileyo, kodwa yinto oyenzayo ngengomso:

Ukufumana uncedo lweziyobisi tsalela kwa:

Alcoholics Anonymous 0861 435 722

Narcotics Anonymous 083 900 6962

SANCA 0861 472 622

***livesi zeziBhalo zithatyathwe
kwiBhayibhile yesiXhosa ka-1996.**



Ipapashwe yasasazwa liqumrhu
leBhayibhile laseMzantsi Afrika.

www.biblesociety.co.za



BibleSA.co.za

BibleSA

Bibles and audio Bibles are
available on the **BibleSA app**.